

Kuyimfuneko yokuba ndithathe ikhefu lemini yonke okanye ndingasithatha isiqingatha semini?

Akuyomfuneko ndithathe ikhefu lemini yonke. Ndingasithatha isiqingatha semini. Umzekelo, ukuba ndisa umntwana wam ekliniki kodwa ndingakwazi ukuya emsebenzini, umphathi makatsale isiqingatha kuphela kwikhefu lam, andihlawule ngetsasa ebendise kliniki.

Mele ndimnike umphathi ubungqina?

Ewe, umphathi angandibuza ubungqina ' obubambekayo' bokuba kutheni ndifuna ukuthatha ikhefu lomthwalo wosapho. Kwenzeka ntoni ukuba andizigqibanga zonke intsuku ezintathu? Ndiyazilahla intsuku endingazisebenzisela ikhefu lomthwalo wosapho. Ngamanye amagama, andizukuziphatha intsuku ezingasetyenziswanga ndiziwelisele komnye umjikelo wekhefu. Andizukuhlawulwa ngentsuku ezingasetyenziswanga, nakanjalo.

Manyathelo mani endinokuwathatha ukuba umphathi wam akandiniki ikhefu lomthwalo wosapho?

Ukuba ndiphantsi kwe BCEA yodwa okanye imfuno zecandelo mandimxele umphathi kwi office yam ekufuphi yeSebe Labasebenzi. Ukuba ndiphantsi kwebhunga lengxoxo, mandimxele umphathi kwigosa lebhunga lengxoxo. Ndingatsalela umxeba i Office yeNgcebiso yaBasebenzi abaNgxungxayo ukuba andiqinisekanga ukuba ndiphantsi kwe BCEA, imfuno zecandelo okanye ibhunga lengxoxo.

CWAO:

082 812 1934

076 551 7112

2 High Road,
Georgetown,
Germiston,
GAUTENG



IsiXhosa- Family
Responsibility Leave



Ikhefu Lomthwalo woSapho (Family Responsibility Leave)

Ingaba ndililungele ikhefu lomthwalo wosapho?

Ndililungele ukuba umqeshi wam ndimsebenzele ngaphezulu kwenyanga ezine, yaye ndisebenza ukancinci intsuku ezine ngeveki.

Ndingalithatha nini ikhefu lomthwalo wosapho?

Ndingalithatha ikhefu lomthwalo wosapho:

1. Xa usana lwam luzelwe
2. Xa usana lwam lugula
3. Xa umlingane wam (umyeni, nkosikazi okanye undofa naye), umzali, abazali abamkele umntwana njengowabo, abazali babazali bam, usana, usana olwamkelwe njengelekhaya, umzukulwana okanye abantakwethu nodade wethu) eswelekile.

Zingaphi intsuku zekhefu lomthwalo wosapho endizifumanayo ngonyaka?

Ndifumana intsuku ezi 3 ezihlawulwayo zomthwalo wosapho kwinyanga ezi 12 zekhefu lam lonyaka.